



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2018

SIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 80

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha angama-28.

EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekiswa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphenule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye).**
2. Xa umviwa ephenule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.
3. Xa umviwa ephenule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphenule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphenule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.
4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.
5. Xa iimpendulo zizonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.
6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabane loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.
7. **Imibuzo esisincoko.**
Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.
8. **Imibuzo emifutshane.**
Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.
9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.
10. Akukho manqaku Abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

ICANDELO A: ISIHOBE**IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane****IMIBONGO EFUNDISIWEYO****UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI****'UMKHOSI WEMIDAKA' – SEK Mqhayi**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpindulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angakachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Kwesi sicutshulwa sombongo imbongi yomeleza/ikhuthaza/ivuselela amandla omkhosi wemidaka ukuze amadoda aNtsunduancedise iBhritani kwimfazwe yokuqala yehlabathi. UMzantsi Afrika ngeli xesha wawulithanga leBhritani, uphantsi kolawulo lwayo.

- **Ayephi n' awakowethu?** – Lo ngumbuzo ongafuni mpendulo koko ovuselela izazela zamadoda omgquba ukuba aphume ngendlu yawo ukuya kuncedisa iBhritani kwimfazwe yokuqala yehlabathi.
- **Zemk' iinkomo magwalandini!** – Uthetha ukuthi phakamani kunyembelekile, konakele ukuhlala, akukuhlanga, ngako oko makukhuselwe ilizwe laseBhritani kumaJamani.
- **Sipheth' iintonga zobugqi!** – La madoda aseMzantsi Afrika apethe imipu ezizixhobo zokulwa ezisetyenziswa eNtshona ukuze alwe ngazo notshaba ukukhusela iBhritani.
- **Zitsho shushu ezasemoyeni, Zinemililo nemibane** – Zinamandla zidubula emoyeni ziphume umlilo zitshabalalise.
- **Biz' amagorh' ezilalini, Biz' amagorh' ezilokishini** – Bakhona abantu bokulwa kuzo zonke iindawo kuba akufuneki magwala.
- **Ivunywa ngekrwana nentshuntshe, Ivunywa ngekhaka ngegazi:** Zizixhobo ezasetyenziswa kule mfazwe nokuphalala kwegazi.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[10]

UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**'UMYOLELO WEXHEGO' – C Nqakula**

- 2.1 Kukudala isingqisho.√√/Kukudala undindwano. √√/Ukwenza umbongo uvakale kamnandi.√√/ Ukwenza umbongo uvakale bungoma.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 2.2 Eyokuba unyana walo akwazi ukuxhamla kubutyebi belizwe obufunyanwa ngabanye abantu.√√ (2)
- 2.3 Sisikweko √ esiphuhlisa ukuba unyana weli xhego angabiyongozi kwaye angahambeli kude kwabanye abantu.√ (2)
- 2.4 Umbongo ungomyolelo wexhego elixhobisa unyana walo ngobomi.√√/ Umbongo ungomyolelo wexhego elixhobisa unyana walo ngeentsikelelo, ngendlela yokuziphatha neyokuhlala nabantu lakusweleka.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 2.5 Ixhego lixhalabile /linxubile√ kuba isigama esisetyenzisiweyo umzekelo ukuba, ukuze, sibonisa ukungaqiniseki ngoko kuya kwenzeka kunyana walo lakuba limkile.√ (2)

[10]**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE****'INTLIZIYO' – C Nqakula**

- 3.1 Kukudala isingqisho.√√/Kukudala undindwano. √√/ Ukwenza umbongo uvakale kamnandi.√√/ Ukwenza umbongo uvakale bungoma.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 3.2 Eyokuba intliziyo iyingozi ukudlula umkhonto obukhali.√√ (2)
- 3.3 Ngumbuzo buciko √otyhila ukubethana kwezimvo zesithethi okanye zembongi ngenxa yamacala amabini entliziyo. √/kuba intliziyo yingxaki efunekayo√/Sisimntwiso√siphuhlisa ukuba intliziyo iyamthobela umniniyo. √
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 3.4 Umongo walo mbongo ungentliziyo emacala mabini, elibi nelihle√√/ Ungentliziyo eyingozi ikwaluncedo kumniniyo.√√ (2)
- 3.5 Imbongi ibonisa umoya wempixano√/Imbongi imbolombini√ kuba isigama sayo sibonisa ukulithanda icala elihle lentliziyo kwanokucaphukela icala elibi lentliziyo√/Imbongi yonwabile√ kuba isigama sibonisa ukulivuyela icala elihle lentliziyo.√/ Imbongi ayonwabanga√ kuba isigama sibonisa ukukhathazwa licala elibi lentliziyo.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**'ITHEMBA' – SEK Mqhayi**

4.1 Kukudala isingqisho.√√/Kukudala undindwano. √√/ Ukwenza umbongo uvakale kamnandi.√√/ Ukwenza umbongo uvakale bungoma.√√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

4.2 Eyokuba asinakufuya nemfuyo xa singenalo ithemba.√√/Asinakuphila ngaphandle kwethemba. √√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

4.3 Lubabazo/Ugqithiso/Ubaxo √ ukuphuhlisa ukuba xa umntu engenalo ithemba uya kwenzakala kakhulu ngokufana nomntu ongaphiliyo.√

(2)

4.4 Umongo walo mbongo ungendima edlalwa lithemba empilweni yoluntu kuba xa unalo uyaphumelela ebomini ukanti xa ungenalo awuphumeleli.√√/ Umongo walo mbongo ungokubaluleka kokuba nethemba kwimpumelelo yomntu ngamnye.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

(2)

4.5 Imbongi ixhalabile √/ Inxubile√ kuba isebenzise isigama esifana nokukhumbuza ngezinto emaziyekwe kugcinwe ithemba ukuze siphumelele sihlale siphilile.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

(2)

[10]

KUNYE

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE****'IMINWE' – IK Nqonqoza**

- 5.1 Eyokuba iminwe idalwe nguMdali kwaye umnwe ngamnye unendima oyidlalayo.√√/Eyokuba sonke sidalwe nguThixo sineziphiwo ezahlukeneyo.√√ Eyokuba umnwe okanye umntu ngamnye unendima ayidalelweyo emhlabeni. √√ (2)
- 5.2 Yimvakalelo yokukhathazeka.√√ (2)
- 5.3 Kukudala isingqisho.√√/Kukudala undindwano. √√/ Ukwenza umbongo uvakale kamnandi.√√/Kukwenza isantya.√√/ Ukwenza umbongo uvakale bungoma.√√ (2)
- 5.4 Kukukhuthaza intsebenziswano ebantwini nokubaluleka kwegalelo lomntu ngamnye ngokusebenzisa umzekelo weminwe√√/Kukwazisa abantu ngokubaluleka kwendima yomnwe ngamnye kwimpumelelo kwanokumanyana kwayo √√ (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 5.5 Siphuhlisa ukubaluleka komanyano ekwakheni iAfrika √√/Siphuhlisa ukubaluleka kwentsebenziswano njengoko iminwe isenza njalo. √√ (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**INKAWU IDLIW'ILILA – S Kula****UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Ngamanye amazwi isaci sithetha ukuba ukungancami okanye ukunganikezeli kwiimeko ezinzima kuba nomvuzo. UMfezeko, lipolisa elizinikezele ekulweni ubugewu ngeli xesha ugxa wakhe uMfuneko antywile nzulu kumkhuba wobugewu. Unikwa umsebenzi wokuphanda ababulali bakaMsindisi ngexesha kanye uMfuneko alilaleleyo eli tyala ukuze azuze ngalo. Ngoko nangoko kuyacaca ukuba umqobo wokuqala uza kuba nguMfuneko lo.

- UMapheza-uMfezeko igama ulithatha eli tyala uMfuneko elilalele kuba efuna ukugquka umkhondo kakade.
- Engekathathi nonyawo uMapheza ukusuka kwindawo yexhwayelo, uMfuneko sele exelela uThantaswa ukuba amapolisa asendleleni eza kuye.
- UMfuneko uyatsho ngowakhe umlomo ukuba akuzi kuba lula kuye ukuba amsele inyongo uMfezeko kuba abakhelani mililo kakade. Kodwa amvuyise uThantaswa ngokuthi angaxhali kuba akazi kuhamba lula uMfezeko ekho yena Mfuneko. Ngoko nangoko uThantaswa umthembisa ngento 'eya kumenza ancume yedwa xa efike ebhankini' uMfuneko xa enokumbambela iibreki kuMapheza.
- Bayavumelana ukuba into eya kwenza liphele eli tyala kukuba uMapheza afe ukuze yena Mfuneko azigqatsele ukuliphanda lize liphelele emoyeni ityala.
- Balikhupha litsole kwincoko yabo ukuba makafe kuba kakade inkawu idliw'ilila ngaba soze bonwabe.
- Kwangoko uMfuneko uhlalela ukumana esazisa uThantaswa ngenyathelo ngalinye likaMfezeko.
- UMapheza noBhadula nesipolisa xa kuxoxwa kuvezwa iimbono ngeli tyala, uMfuneko uvala ngelithi kuxhaphakile ukuba umfazi abekwe ityala efuna ukubatyhafisa. De agquke umkhondo ngelithi ababulali ngabantu abangathunywanga mntu abazizikrelemnqa ngendalo kunjalonje axoxe ngelithi uMsindisi ubulawe kuba ebesala nemoto mhlawumbi.
- Uyaqina uMapheza ngelithi ukuba bebefuna izinto zikaMsindisi bebengekhe bayidlakaze kangaka imoto injongo ibikukubulala qwaba.
- UMfuneko ude amlumkise uMapheza ukuba kufuneka achule ukunyathela ngenxa yohlobo lwetyala aliphandayo.
- Uyazifungela uMapheza de athi 'umqol'uphandle kwezo zikrelemnqa kwaye ukuba zisahamba phakathi kwabantu azilibonanga eliwinayo'.
- UMapheza ethetha noNjinga nje uMfuneko ukrobe ngefestyle.
- UMfuneko umembela imisele uMfezeko ngokuxokisa amanye amapolisa ngelithi uza kumpimpa kwapolisa kwaye wamtyabeka ngokuthi ungungcothoza oyimpimpi ekungalunganga ukusebenza naye esikhululweni.
- Uxoka ngaye uMapheza kuNqoza, athi wantama uSajini Zalala owagxothwayo ukuze aphelelwe ngumsebenzi, phofu ngempu eyayiyawabiwe nguye lo -Mfuneko.

Ude amthiye ukuba ulirhamba lesiziba. Ude uthenga amapolisa ukuba ahambele kude naye.

- UNqoza uyayithenga le mbono ade abibitheke ngumsindo ukuqinisekisa ukuba intsebenziswano kuphando lweli tyala ayiyikubuya ibe kho. UMFuneko ubethelela izikhonkwane ngokuthi makaliwe uMfezeko. UNqoza ucelwa kanye kwesi sithuba ukubaancedise uMapheza kuphando lweli tyala.
- UNqoza uzimisele ukuba uMapheza akayi kufumana mixhaka ngenxa yakhe tu kunjalonje uthi efuna ukungangeni kweli tyala aboniswe nguMFuneko ukuba uya kuphosa injongo yakhe ngoMapheza ukuba akalithathi.
- Akuvuma uNqoza uyalelwa ukuba adlulise konke okufunyenwe nguMfezeko eluphandweni kuMFuneko lilonke abe nguKhala wakhe ade azincome ukuba umdlise umgquba wehagu ngoMapheza. UNqoza akancedisi sele kumele ukuba abuze imibuzo kuThantaswa mhla baseVulli valley.
- UMapheza uneempawu azibonayo ezifana nokungcangcazela kwezandla, ukugushugushuza, ukubila. Akafuni uNqoza ukuba benze ustop and search ekrokra uMapheza.
- UNqoza uyigalela amanzi into yokungahambelani kwentetho kayise kaMsindisi nekaThantaswa ebonwa nguMapheza kodwa ayiqaphele loo nto uMapheza.
- Umile uMapheza ekuthini lo mfazi unolwazi ngokufa kukaMsindisi kodwa umkhondo aman'ukulahlwa nguNqoza lo kodwa yena ngezakhe iinjongo.
- UNqoza umana ukuxelela uMFuneko ngeziphumo zophando ayalwe ukuba angayivumi eyokuba uThantaswa wayamene nokufa komyeni wakhe.
- UThantaswa uyabuza ukuba kanti ufa nini lo Mapheza unezotho? Ivela ngoko nangoko ingcinga yokuba uza kumyela kwixhwele lakhe uSiphongo afune umalingatshoni. UThantaswa umfuna ngembumbulu phakathi kwamehlo kuphele into ebithethwa.
- UMFezeko uphupha esesibhedlele enxibe iimpahla zezigulana uHlengiwe elila ecaleni kwakhe kanti kuloko uMFuneko eza kumgalelela lo malingatshoni kwisiselo sakhe ethumela uNqoza.
- Esesibhedlele njalo ooSixaki bangena kwakhe bayogoqulula befuna nantoni na enokuphazamisa olu phando baphuma bephaca.
- Akuphuma eICU baqulunqa ukumfaka phantsi kwengubo kaqaqaqa.
- Xa ethi 'ukufa ukwahlule' uNqoza akapheli mandla uze kumlobela ukuba amse exhweleni eliza kumtshisa ngoVutha. Xa efika exhweleni kanti beviwe nguNontsikelelo ongumkhwetha kaSiphongo ukuba bafuna ukumbulala.
- Usindiswa nguNontsikelelo apho athi akuphila azimisele ukuphanda eyedwa ngaphandle koNqoza. Uba namanakani wokuba uMFuneko unesandla kuzo zonke iimeko angene kuzo. UNontsikelelo uyavuzwa nguMapheza ngomsebenzi wakhe omhle.
- Akubuyela emsebenzini uMapheza, uNqoza noMFuneko banqunyanyiswa emsebenzini.
- UMapheza uliphanda ityala lokufa kukaMsindisi ade abafumane ababulali ngokubaxelelwa nguBhanqo ngoMbu emva kokubathembisa nangamabhaso ancumisayo.
- USixaki uyaloqa avele onke amanyundululu bade bagwetywe. Bayaguqulana ooZalala noNqoza ngokuba uMapheza akenzanga nto nguMFuneko.
- UThantaswa uzidubula kunye noMFuneko aphume etshaya uMapheza eubini.
- Oku kuphumelela kwakhe kungqina ukuba ngokwenene umzingisi akanashwa kuba naku uMapheza ephumelela noxa bekuqale kwangathi akuzukulunga.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**INKAWU IDLIW'ILILA – S Kula**

- 7.1 Kungokuba wayengaphangeli. √√/ Wayengavulelwanga neaccount nguMsindisi.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 7.2 Amtyhila njengomlinganiswa okhohlakeleyo√ kuba yinkohlakalo ukuzibona unokuphila ubom obungcono kwakuba kufe omnye umntu. √√ (3)
- 7.3 Lo mxholwana wokuthanda imali ube sesona sizathu sokwenziwa kwamayelenqe, kwagwintwa uMsindisi, kwenzelwa uMapheza amayelenqe ngamayelenqe, kwaqhathwa uThantaswa nguMdlambila, wangena kwimigibe yamayelenqe equka ooSiphongo wade wangumbulali owaziwayo uThantaswa kuba nabani obesendleleni yemali ayifunayo bekuye kufuneke agawulwe, wade wafa uThantaswa ngokuzidubula yena noMfuneko.√√ (2)
- 7.4 Kwesokubulawa kukaMsindisi. √√ (2)
- 7.5 Ukungafumani abantwana kukaThantaswa, kwenza ukuba uMsindisi acinge ukuthatha isithembu esinguSiziwe anomntwana naye. Oku kudala inkxalabo kuThantaswa aze agqibe ekubeni akhawulezise ambulale uMsindisi engekasithathi isithembu kuba akayi kudla ilifa ukuba utshatile. √√ (2)
- 7.6 Ewe ayalingana uMfuneko yingcali kwezolwaphulo mthetho ngeli xesha uMfezeko ayingcali kwezophando. √√/Kuba bangamapolisa bobabini. √√
Awalingani uMfuneko wenziwe womelela ekubekeni izabatha ngeli xesha uMfezeko enziwe womelela wadlula nezabatha ezibekwe nguMfuneko. √√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 7.7 'Andinakuzibulala ndodwa, ndikushiye ngasemva usidla amazimba,' ... √√ (2)
- 7.8 Sisigqebelo ukuba uMfuneko obesandul'ukudubulisa uMsindisi kanti xa kusiza kuye akanakukunyamezela. √√/Sisigqebelo ukuba uMfuneko oyike ukubulawa ngokudutyulwa kanti yena wayenze iyelenqe lokubulawa kukaMsindisi ngokudutyulwa.√√/Sisigqebelo ukuxakwa kukaMfuneko ukubamba uThantaswa xa emkhombe ngompu abe eqeqeshelwe ukubamba imigewu nabantu abanobungozi.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 7.9 Ngumqondiso wokuba kukho into embi eza kuhla√ kuba uThantaswa wazibulala yena noMfuneko. √√ (3)
- 7.10 Kusetyenziswa oonomyayi ukunxibelelana √ Kusetyenziswa imipu ukubulala abantu. √/ Ukubhadla ejele.√/Ukusetyenziswa kwebhedi.√/Ukusetyenziswa kwembumbulu.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

- 7.11 Yinoveli engolwaphulo mthetho √ kuba umxholo wayo ungolwaphulo mthetho √ kule noveli luzinze esipoliseni apho kude kubulawe abantu kodwa kwalapho kubekho ipolisa elintliziyontle elizilwayo ezi zenzo zingalunganga. √

(3)
[25]

UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Thamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukeyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Ngokweli bali kuyabonakala ngeengcinga eziziswe kubafundi bebali ngobuyomva ngemini umfundisi owayeshumayela ecaweni kucaca ukuba ubhekisa kuye ukuba aluthathe olu bizo ukuba yayingumnqweno kaThole kakade ukuba ngumfundisi. Esi sithole kucaca ukuba satyalwa ebuntwaneni bakhe mini ooThole ababona umfundisi owayenqanda abantwana besikolo besilwa, etsalwa sisinxibo sakhe nalelo lizwi lalithetha ngokuzola lintama uxolo. Oku kutyhilwa ngamazwi awawathetha ngaloo mini athi, – 'Nam ndakuba mdala'ndakubanje ngalo mntu. Lo mntu unalo mnqweno ebudaleni udlule kwizinto ngezinto ukuze ade abe ungulo mfundisi anguye namhlanje.

- Siqala ukumbona singabafundi bale noveli mhla alukuhlwa ngabahlobo bakhe ooThemba bemseza utywala azibone sele eseBhayi engaqondanga. Ngoko nangoko uzibona esisibhadubhadu de abe ufumene iqabanekazi elinguNomsa kunye nomsebenzi kwalvin & Johnson kwathi de ke noko.
- Kusenjalo uthando lwakhe noNomsa lujika lukrakre okwekhala mhla athi esandwendwele uNomsa besonwabile afikelwe nguJoe okwathandana noNomsa bambethe ade akhumbule isithembiso sakhe sokusebenzela inkosi asiphinde ngelithi ucela usindiso ngaloo mni kuphela.
- Esi sithwakumbe simenza uThole athathe isigqibo sokugoduka apho ahlanguka noThemba amthundezele ukuba akhwele inqwelo-mafutha amenze wacinga ukuba iyagoduka. Le nqwelo isuke iphaphatheke ukuya kwicala eliya ngaseKapa endaweni yekhaya lakhe. Suka dukalala emahlathini aseKnysna iphelelwe ngamafutha imoto.
- Kweli hlathi uhlangana nasihelegu simbi, esokuhlangana neengonyama eziqwenge abahlobo bakhe ejongile. Nakweli hlathi usindiswa yiBhayibhile neencwadi ezimbini awayezinikwe nguThozama.
- Ukusinda kwakhe apho udubada enthemba lokuba uya kude azibone evela emzini atsho ancedwe kukudibana namakhwenkwe amenze azibone sele ezenza igqirha ngenxa yokuba ethe kanti ebeyibonile inkonyana afunisa ngayo.
- Akufumana imali ehamba hamba njalo eKnysna edlula ngakwindlu yecawa ubinzwa ngokwekrele ngamazwi athi 'Ndiya kusuka ndiye kubawo ndithi kuye Bawo ndonile ... Wanomfanekiso kaFikizolo ekhathazekile mhla wayeshiya iGcuwa esiya eRhawutini. Nomfanekiso wentokazi eyayililiswa ngumntwana wayo owayelahlekile kumfanekiso-bhanyabhanya.

- Intshumayelo ithi yakuthi ... goduka ubhek'ekhaya, thengisa ngemfuyo yakho linge libhekisa kuye eli lizwi agoduke.
- Esi senzo sokuzenza igqirha asilobizo lwakhe kungoko ethatha isigqibo sokubuyela ekhaya ukuze aqhubeke nezifundo zakhe.
- Uthi akugoduka uThole kuvuye wonke ubani uyise uFikizolo kunye noMaNtuli noNofundile.
- Uthi encanyiwe nguFikizolo ukuba angaba safunda athi yena uza kufunda awuthabathe lo mnamlezo.
- Ngokwenene akuba efikile ekhaya ubuyela esikolweni eDikeni apho abonakalisa ukuzimisela okungumangaliso litsho negama lakhe litshintshe abe nguMangaliso.
- Ungenela ubizo lobufundisi nalapho afunde ayityekeze eNgilane abuye eNgilane sele engumpondo-zihlanjiwe womfundisi.
- Inkxaso ayifumana kumfundisi uMaqoma ekunye noShepherd imenza ukuba aye ezimisela.
- Oku kubalasele kwakhe kumenza ukuba onyulwe aye kumela abafundi kwingqungquthela eseKapa. EseKapa igama lakhe liba ngundabamlonyeni ngenxa yobuchule bakhe ekuxoxeni.
- Ukuzibalula kwakhe kule ngqungquthela kumenza awelwe ngumqa esandleni iNusas imthembise ngokumhlawulela imali yesikolo ukuze aqhubekeke akuba eliphumelele ibanga leMatriki de acetyiswe ngamaSebe anokuwangenela.
- Akubuya uphinde onyulwe aye kumela abafundi kwingqungquthela eseNgilane apho athi ehamba yedwa angabinantanga kwiingxoxo ezaziqhutywa de ezi ndaba ziye kuvakala emva ekhaya.
- Xa kuphela ingqungquthela ubuyela ekhaya sele ezivile iindaba zokuphumelela ibanga leMatriki emagqabini. Kungekudala ebuyile ufumana ileta evela eNgilane emxelela ukuba nguye ogqwesileyo kuloo ngqungquthela. Le leta yayikhatshwa sisipho semali esingamakhulu amahlanu eeponti.
- Akaphozisi maseko uMangaliso uyasamkela isicelo afunde ngokuzimisela ade ayityekeze naku enezidanga zeM. A. nePhD. Ubuyela ekhaya engumagrazula womfundisi. Oko ukubonakalisa ngokuphumelela ukuvusa ibandla elalisele lincanyiwe iGeorge Goch.
- Uzimanya ngeqhina lomtshato noThozama. Wakha ibandla lase Spes Bona elalisele lincanyiwe.
- Ubuciko buyagqama nakwiintshumayelo zakhe de ahlangani noyise ngenxa yentshumayelo echukumisayo awayeyenze mhla uyise ehambele kuloo nkonzo yakhe abe ngolo hlobo uhlangana kwakhona noyise wayengazange wayicinga nokuyicinga ukuba angaze ambone.
- Oku kuphumelela kwakhe kungqina ukuba ngokwenene umzingisi akanashwa kuba naku uMangaliso ephumelela noxa bekuqale kwangathi akuzukulunga.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- 9.1 Sesokubuya kukaThole kubomi ekubhaceni sele emdala emva kokuba ebengaziwa likhaya iminyaka. √√/Sesokuba uFikizolo efuna uThole athathe inkosikazi kuba embona emdala engasenkubuyela esikolweni.√√/Sesokuxoxa ngekamva likaThole.√√ (2)
(Nayiphi na kwezi)
- 9.2 Amtyhila njengomlinganiswa onganikezeliyo ngeenjongo zakhe zobom√ kuba sisenzo sokunganikezeli/sobugorha ukuba umntu athi emdala ezibona exelelwa nokuxelelwa ngobudala bakhe kodwa, afunge angajiki alandele iinjongo zakhe zobom. √√ (3)
- 9.3 Ube nefuthe ekutshintsheni ubomi bukaThole kubomi obebungenampumelelo aze ade abe ngumfundisi ophume izandla.√√ (2)
- 9.4 Kwisiganeko sokuphumelela kukaThole abe ngumfundisi. √√ (2)
- 9.5 Babenobuhlobo obungamakhiyo uThole obamtsalela kwiindlela ezigwenxa ezade zalibazisa nephupha lakhe lokuba ngumfundisi.√√/Uuhlobo babo babumbangela ukuba uThole acingisise okanye abe nesazela ade athandaze evuselela ukholo lwakhe. √√ (2)
(Nayiphi na kwezi)
- 9.6 Ayalingana kuba qho bemlahlekisa uThole ooThemba ebengena emgibeni.√√/ Awalingani kuba uThole uye waphoncula kuyo yonke imingeni ebedibana nayo kule noveli waphumelela wangulo mfundisi uphume izandla. √√ (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)
- 9.7 ... libindekile, lizibambe ngeenkophe iinyembezi ...√√ (2)
- 9.8 Sisekubeni lo Thole uzimisele ukuba ngumfundisi wenkolo yobuKristu namhlanje ebonwa ephehlelela inkolo kaNtu. √√ (2)
- 9.9 Ngumqondiso wokuba uya kuze ambone unyana wakhe engumfundisi ngamini ithile.√ kuba naku ehlangana naye namhlanje enguye ngokwephupha lakhe.√√ (3)
- 9.10 Ubukho benkonzo√/nabashumayeli√/ubukho bomongikazi√/ubukho bomfundisi.√ (2)
(Nasiphi isibini kwezi)
- 9.11 Yinoveli engentlalo/yinoveli engesishiqi sentlalo √ kuba ishukuxa imiba yentlalo yoluNtu √ kuba itshila ngesenzo sikaThole sokufuna ukuba ngumfundisi aze atshivele kodwa aphele ephumelela.√ (3)

[25]

UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Ukuzingisa kukuba nomonde kuyo nayiphi na into oyenzayo unethemba lokuba ekugqibeleni uza kufumana umvuzo. UMfazwe uye wazingisa encame konke kuquka ikhaya lakhe nabazali bakhe ngethemba lokufumana inkululeko nathe ekugqibeleni wayifumana.

- UMfazwe ungumlinganiswa olikhalipha nonomqolo ngoko akholelwa kuko, ungufunga angajiki nokuba iimeko zinjani.
- UMfazwe ulwela inkululeko yabantu abamnyama ekwenza oku phucukileyo ngezifundo zembali nanjengatitshala efundisa ezembali eFunda.
- UMfazwe ubanjwa ngamapolisa kuba kusithiwa unyola umbuso okanye ungcatsha umbuso de abizwe ngokuba ngungcothoza kodwa akajika.
- Amapolisa amcenga uMfazwe ukuba abe yimpimpi, emthembisa ngezulu nomhlaba kodwa akavuma kuba eyazi injongo yakhe.
- Ungcungcuthekiswa ngamapolisa ngokumbetha, amkhwelise ngemva evenini nenja eyayimluma kuba enethemba lokuba uza kude ajike kwisigqibo sakhe kodwa afa namthanyana.
- Kutshiswa indlu yakowabo kuba kusithiwa ngungcothoza nto leyo emenze ukuba angabinandawo yokuhlala nampahla zokunxiba. Abazali bakhe akabazi nokuba baye kutshona phi kodwa neso isiganeko asanceda nto wazingisa.
- Ukukhululwa kwakhe ejele ufika kwilali yakhe kwaQaka sele uFriday olutshaba lwakhe esasaze iindaba zokuba uyimpimpi uMfazwe, sele elikheswa, abantu bayacezela kuye. Akasahlonitshwa nangabantwana besikolo aba ebabafundisa.
- UMfazwe uya kwintlanganiso eseholweni ngeliya kuhlamba igama lakhe lokuba uyimpimpi phofu engenazijongo zokuliyeka idabi eli aliqalileyo waza waphuma apho ngokubethwa ejikelwe ngabantu bakwaQaka.
- Ubalekela emangcwabeni nalapho enze isigqibo sokuphindela kowabo. Uzama ukufuna ukhuseleko kwatata uGaba ongummelwane afumanise ukuba uFriday namahlakani akhe basezithendeni zakhe.
- Uthi sele efumene igwiba lokuzimela kwimoto endala, abone ooFriday, waze wenza isigqibo sokubhacela kwamalume wakhe eSihlahleni.
- Ngabusuku buthile ubona abantu bevaleleke kwiCresida etyheli bencwina kabuhlungu. Uzamile ukubasindisa eqonda ukuba ngumsebenzi kaFriday namahlakani akhe.
- Usuka apho wangqala kwamfundisi uHlathi nalapho acetyiswe ukuba makalifulathele elokuzalwa kwakhe aye elubhacweni kuba ubomi bakhe busesichengeni. Wavuma nalapho ukuncama konke wafulathela ikhaya lakhe.

- Uya elubhacweni eMthontsi ngeenjongo zokulwela inkululeko nalapho athe wazimanya nombutho olwela amalungelo abantu oyiNtsimb' ebomvu, akubanga lula ukuya apho indlela eya khona ayilula inokufa phakathi kodwa zonke ezo zinto azimjikanga ukuba angayi uMfazwe kuba eyona njongo ibikukukhulula abantu abamnyama.
- Kuloo ndlela iya eMthontsi ufumane ukudutyulwa wafumana izonyeliso zokuba yimpimpi nguKhuzwayo kodwa akajika kunjalo kuba wayefuna le nto ayifunayo exolele nokufa.
- Ubhujelwa ngabazali uMfazwe eselapho elubhacweni engazukwazi nokubuya azo kubagcwaba kuba wathabatha isigqibo sokungajiki kolu hambo lwaselubhacweni.
- Ubuye apho xa kuvulwe imilomo imibutho yezopolitiko, afike kwaQaka kusithiwa uyafuneka kwiingxoxo eziseRhawutini.
- Bayakhululeka abantu uMfazwe abe yijaji kwityala likaFriday, Mfazwe lowo awayesaziwa ngokuba yimpimpi.
- UMfazwe uye wazingisa noxa indlela ebeyihamba ibinameva kodwa kuba ezixelele ukuba ufuna ntoni wancekelela de waphumelela ekukhululeni abantu kwingcinezelo yobukhoboka.
- Oku kuphumelela kwakhe kungqina ukuba ngokwenene umzingisi akanashwa kuba naku uMfazwe ephumelela noxa bekuqale kwangathi akuzukulunga.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

- 11.1 Sesokuba wayebanjiwe ngurhulumente wengcinezelo. √√ (2)
- 11.2 Amtyhila njengomlinganiswa onokuzithemba nonesibindi√ kuba uthetha inyaniso engathengi buso bamntu.√√ (3)
- 11.3 Ukhulise ukungathembani phakathi koMfazwe noFriday.√√/Oku kuthandana kukaNokuzola noMfazwe kwasetyenziswa nguFriday ukuze angcungcuthekise uMfazwe de walifulathela elakowabo.√√ (Nayiphi na kwezi) (2)
- 11.4 Kwesokudutyulwa kukaMfazwe emlenzeni.√√ (2)
- 11.5 UMfundisi uHlathi nguyey wayemkhuthaza uMfazwe ukuba aye elubhacweni emlunkisa nakwiingozi anokuthi ahlange nazo.√√ (2)
- 11.6 Ayalingana kuba kuzo zonke izabatha ezizizilingo azibekayo amapolisa uMfazwe uwa abuye avuke ekugqibeleni uyaphumelela.√√/Awalingani kuba uMfazwe ulahlekene nobomi bokuthandana noNokuzola nokuphila nosapho lwakhe kwanabazali bakhe abangenakuba sabuyiswa.√√ (Nayiphi na kwezi) (2)
- 11.7 'Ndikubone usathi gqi kweliya qolo ukuba uyaqhvesha.'√√/ 'Kubantu abadla ngokuqhvesha ungowokuqala okhe wahamba ngale ntaba'.√√ (Nayiphi na kwezi) (2)
- 11.8 Sisekubeni lo Mfazwe ubonwa nguFriday njengempimpi liphele ibali sele inguye ochophela ityala likaFriday.√√/UFriday uthi uMfazwe yimpimpi kodwa ikwanguye impimpi.√√ (Nayiphi na kwezi) (2)
- 11.9 Zingumqondiso wobungozi √ kuba ubonisa imiqobo azakudibana nayo eyingozi enokubangela ukuba angafikeleli empumelelweni.√√/ Zingumqondiso wobungozi √ kuba ubonisa imiqobo aza kudibana nayo eyingozi enokubangela ukuba angafikeleli apho abhacela khona.√√ (imoto etshayo/amajoni aseBathwa/ukuhlangana kwakhe noSkhotsholo/ukuhlangana kwakhe namapolisa). (Nayiphi na kwezi) (3)
- 11.10 Isenzo sikaMfazwe sokubhaca√ Ukoyika kukaMfazwe amaBhulu.√ (2)
- 11.11 Yinoveli engopolitiko√ kuba umxholo wayo ungempathombi yabantu enjengokubanjwa ngexesha lengcinezelo√ apho umlinganiswa onguMfazwe azigqatsele ukulwela inkululeko ade aphumelele axhamle kuyo naye. √ (3)

[25]**OKANYE**

UNCWADI LWEMVELI**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI****UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Umbalisi entsomini udlala indima enkulu esebenzisa ulwimi olukhethekileyo nolunika umfanekiso ngqondweni wabo bamameleyo. Umbalisi entsomini ikholisa ukuba ngumakhulu kusapho olo abaphulaphuli ingabantwana ngenjongo yokonwabisa nokufundisa.

- Zisuka xa umbalisi eqala intsomi yakhe usebenzisa isivula ntsomi 'Kwathi ke kaloku ngantsomi ' umsebenzi waso kukutsala umdla wabantwana kuba besazi singatsho isivula ntsomi selifikile ixesha lokubaliswa kweentsomi.
- Yindima yombalisi ukuba aqiniseke ukuba izilwanyana kule ntsomi ziyathetha ngokunga zingabantu kwaye zenza imisebenzi eyenziwa ngabantu njengoko kule ntsomi zilima zihlakula.
- Indima yombalisi kufuneka iqinisekise ukuba abantwana abalali ingekapheli intsomi ngokuthi nabo bathabathe inxaxheba njengoko intsomi iqhuba umz. xa iqala mabathi 'Chosi ntsomi.' Khumbula ukuba ixesha lazo lelangokuhlwa ngakumbi ukuba iinjongo zakhe kukuba abantwana bafumane imfundiso equlathwe yintsomi leyo.
- Ingoma entsomini sesinye sezixhobo esisetyenziswa kakhulu ngumbalisi ukubamba umdla wabantwana bangalali, ude umbalisi abavumele bavume kunye naye. Oku kwenza abantwana bayibambe imfundiso equlathwe yingoma.
- Umzekelo ingoma evunywa nguFudwazana akugqiba ukubulala uMaginyinyathi neempondo ethi 'Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo! Ndikwazile ukubulala utshaba obelugqiba umbona wethu! 'Yizani nonke nize kubona isimanga!'
- Umbalisi udlale indima ngokusebenzisa uphinda phindo ukugxininisa nokuphuhlisa athetha ngako ukuze abantwana bacacelwe umz: zayilimalima, zayihlakuhlakula.
- Umbalisi uphinda asebenzise ulwimi lomzimba apho ajika jika ubuso bakhe bufanele loo meko athetha kuyo okanye awakhuphe entloko amehlo ukubonisa ukoyika. Ukujika jikwa kwelizwi nalo libangela umntwana abe nomfanekiso ngqondweni woko athetha ngako umbalisi umzekelo, ilizwi elithi ndim umaginyinyathi neempondo lilizwi elikhulu elo nekufuneka umbalisi aliveze ukuze basibone isizathu sokugqotsa koMvundla.
- Yindima yombalisi ukusebenzisa amagama akhethekileyo afana nokugqotsa endaweni yokubaleka anika umntwana umfanekiso ngqondweni wesantya abaleke ngaso uMvundla ngenxa yokoyika. Elinye ibinzana 'warhoqoza uFudwazana' oku kubonisa abantwana indlela ahamba ngayo uFudwazana nongazange abone abe nomfanekiso ngqondweni wesilwanyana esihamba ngesantya esicothayo sisindwa yindlu yaso emqolo.

- Xa aphethayo umbalisi usebenzisa isiphelo esithi, ‘Phela-phela ngantsomi’ ukubonakalisa ukuba intsomi ifikelele esiphelweni.
- Ikwayindima yombalisi ukuqinisekisa ukuba intsomi yakhe iyonwabisa ikwaqulethe nemfundiso.

Isibongo

Imbongi idlala indima ephambili ngokwazisa isizwe kuquka nabantu abatsha ngale ntaba kaNdoda nesizathu esibangela ukuba kunqulwe le ntaba sisizwe samaRharhabe.

- Kwesi sibongo imbongi isivezela ukuba le ntaba isizwe samaRharhabe siyazidla ngayo, sinegugu neqhayiya kwaye asinantloni ngayo.
- Imbongi isinika imvelaphi yokufika kwamaRharhabe kwiNtaba kaNdoda njengoko ayeqhephuke kuGcaleka, ikwasinika nokwathi kwaqhubeka ekubeni bezabele umhlaba kwindawo ibihlala amaLawu nto leyo ekhokhelele kwimfazwe phakathi kwabo namaLawu.
- Imbongi isizobela ngeziphumo zale mfazwe eziyinyikityha yokufa.
- Imbongi ikwasizobela imeko embi yentlalo yabantu ababesindile ababephila phantsi kwayo kuba kwakunzima nokuphefumla ngenxa yokurhaxwa livumba lezidumbu ezazithe saa.
- Imbongi ikwadlele nendima yokusichazela ukuba abona bantu babhubha ngobuninzi ngamaLawu.
- Ikwayimbongi esityhilela ukuba ekugqibeleni kubekho uxolelwano phakathi kwamaLawu noRharhabe de wawanika iinkomo ukuze afumane umhlaba.
- Imbongi iqukumbela ngokuzisa ithemba lokuba ukususela ngoku le ntaba iya kuba yintaba yonqulo kwisizwe siphela njengoko yankcenkceshelwa ngegazi lamakhalipha.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana nabanye**

- 13.1 Zombini ziyabalisa.√/Zombini ziqulethe iimbali.√/Zombini zisekelwe kwixesha lamandulo.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 13.2 Utyhilwa njengomlinganiswa okholelwa kwinkolo yesiNtu√ kuba unqula izinyanya. √√ (3)
- 13.3 Sisigqebelo kuba uNongqawuse wenza isiprofeto sokuba amaXhosa aza kubazizityebi suka asazalisekiswa kwakho indlala enkulu nentlupheko. √√ (2)
- 13.4 Imvula ingumqondiso wokuchitha kuba umbalisi uyisebenzise ngokungathi iyakuba sisixhobo sokugxotha abeLungu.√√ (2)
- 13.5 Yintsomi engembali √ kuba ibalisa ngesiganeko esenzekayo √ le ibalisa ngesiganeko sikaNongqawuse.√ (3)
- 13.6 Ukuthetha uNongqawuse √ kukuthetha into engasokuze yenzeke.√ (2)
- 13.7 Kusetyenziswa izisele.√/Kusetyenziswa izangcozi.√/Kusetyenziswa amahasa.√/Kusetyenziswa iziswenye.√/ Amanzi akhiwa emlanjeni.√
(Nasiphi na isibini) (2)
- 13.8 Eyokuba inkosi ebongwayo nguNdlambe.√√ (2)
- 13.9 Kukuchaza imvelaphi kankosi uNdlambe.√√/Kukunika umnombo kankosi uNdlambe.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 13.10 A! Silimela√ Sisikhahlelo esibonisa ukunika imbeko kwinkosi.√/Ukuchazwa komnombo wenkosi.√/Ukusetyenziswa kwesigama esingundileyo.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)
- 13.11 Ngumfanekiso ngqondweni weliso√ ophuhlisa indlela abeke ngayo ingcawe okanye umrhaji egxeni.√√ (2)
- 13.12 Ngowokuba le nyanga yeSilimela yavela njani njengenyanga yokubala iminyaka yobudoda kwaXhosa. √√ (2)

[25]**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

ICANDELO C: IDRAMA**UMBUZO 14: UMBUZO OSINCOKO SONCWADI*****BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa***

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpindulo ezahlukeyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Impixano yindlela esetyenziswa ngumbhali ukukhulisa ibali lakhe. Oku uthi akwenze ngokuvelisa ungquzulwano phakathi kwezimvo ezimbini ezithi zimelwe ngabalinganiswa abangavumelaniyo ngezinto ezithile abazixabisileyo. Impixano indidi mbini, kukho impixano yangaphakathi nempixano yangaphandle. Impixano yangaphakathi yimpixano ephakathi komlinganiswa nesiqu sakhe ebangelwa zizinto ezimngqongileyo entlalweni. Impixano yangaphandle yimpixano ephakathi komlinganiswa nomnye umlinganiswa okanye phakathi kwamaqela amabini angavumelaniyo ngomba othile.

Ukukhuliswa kwempixano

- Umbhali kule drama ubeka izimvo ezimbini ezahlukeneyo kuvavanyo, isiko lokubonela umfana intombi elikhatywa lulo lonke ulutsha ukuqala kuNozipho, Gugulethu, NomaMpondomise abaziintshatsheli. Ulutsha lunoluvo lokuba luthando eyona nto yenza umtshato abeke uGugulethu noNomaMpondomise bencama konke ukuze lubonise ukuba eli siko litshazile alisenandawo entlalweni.
- UZwilakhe uba yinkomo enotshobo efuna ukubonela unyana wakhe ngokuhlohlwa nguMaGaba umkakhe.
- Umbhali unika uZwilakhe isihlalo sokuba ngutata wekhaya ukuze nantoni na ayithethayo ibe nendawo yokuhlala nakubani, nanjengoko yenzile aze uGugulethu abe ngunyana omele kuthatha nantoni na ayalathelwa nguyise ngokwesithethe sakwaNtu aze azibeke esikalini ezi mbono zombini ngolu hlobo:
- UWK Tamsanqa ongumbhali wale drama ufaka uGugulethu exabisweni lokufuna umfazi ngokweminyaka engama-30 ngokwebali.
- Oku kuba yinto enokozwayo akuya emtshatweni kwaNgoqo uMagaba kuba ebonele unyana wakhe le ntombi kaMcothama.
- Isifungo asithatha ngale ntombi sinwenwa okomlilo wedobo ukuthungela ukugrogrisa uZwilakhe ngokungabi namandla obudoda xa engena kuyithathela unyana wakhe le ntombi.
- Esi soyikiso uZwilakhe simenza abhuduzele ade enze impazamo yokuthi kuGugulethu akanakufunzwa kuba akasengomntwana.
- Intlantsi itaka kutoliko lwala mazwi athi 'akusengomntwana ... awusenakufunzwa ... UGugulethu uwatolika la mazwi ngokuba athi makazifunele umfazi kanti uyise yena uwatolika ngokuba amnika amagunya okusebenzisa isiko lokubonela. Utshela kweli siko okwengwane uZwilakhe noko ebona ukuba unyana uthabathekile leli lungelo.
- Kwelinye icala umbhali uthela ipetula kulo mlilo ngokuthi kufikisane eli lizwi lokungafunzwa kunye nencwadi kaNomaMpondomise eyamkela isicelo sikaGugulethu sothando.

- Le yantlukwano phakathi kokuzibonela nokubonelwa yenza uthanda phakathi kwamaHlubi kuba kukho ahamba noGugulethu ngembono abe uyise exela izinyo liqaqamba eqamele ngokuba akanakulunga ukuba liwexuwexu- kungekho mntu ubuqondayo obu buwexuwexu ukuba busuka kwisivumelwano sakhe noMaGaba.
- Oku kwenza uGugulethu angene kwelinye inqanaba, elokuvala umlomo athi kwakubuzwa nantoni athi makubuzwe kuyise- ubungqina bokuba imdla ngaphakathi le nto. Kuyacaca ukuba lo 'Buzani Kubawo' yindlela yakhe yokubhalisa unkwintsho ngokusuka atshatiswe nomntu angamaziyo.
- Ukungenelela kukaMzamo ngokuya kuthethathethana noZwilakhe kumshiya nesilumkiso uZwilakhe kuyikhulise ngakumbi inkxalabo kuba ithemba lakhe ibileli kholwane lakhe lidla ngokumkhululela amaqhina kodwa suka eli laqanyangelwa ukubotshwa oku.
- Kuyanda ukungakhelani mililo kwabantu abadala nabatsha kuba uNomaMpondomise naye, ngokukhulelwa luthando lukaGugulethu ukhupha iinkomo zikaMccunukelwa kodwa yena asuke anceme akwamkele okumehlelayo.
- Imini yomtshato kaGugulethu iyafika- uGugulethu obesele ekwelinye ilizwe ngokukhathazeka osebenzisa ulwimi olunqungunqungu-obona iindudumo, imibane etshawuzayo ngeshlo ngasinye imenze uGugulethu akubonise esidlangalaleni ukungahambisani noyise ngokuqamangela isandla sakhe ukuze angatshatiswa ngumfundisi. Nangoko uZwilakhe ubona kulungile ukuba amtshatele ngokumsayinela unyana wakhe. Kodwa kukhamnqise wonke umntu oku.
- Umbhali wenza imini yomtshato kaGugulethu ibe ngundabamlonyeni ngokuthi kufe uMzamo, atsho eve uNomaMpondomise ngomtshato aqalise ukuzizona de azonde isidalwa esiyindoda, athathe amanyathelo asemthethweni okumangalela uGugulethu ngokwaphula isithembiso.
- Ngemini yetyala uGugulethu noNomaMpondomise bazibopha ngelabo iqhina lomtshato, azezelisele emlanjeni afe uNomampondomise.
- Iballi lilonke ngoku linuka igazi, ulwimi oluthethwayo lunzulu, izinto ezenzekayo ziyakhamnqisa. UGugulethu oko wemka ekhaya zange wawubeka umcondo ekhaya. UMthetho noNyaniso bakuya kuGugulethu babuya nelizwi elithi makubuzwe kuyise kaGugulethu.
- Eyona mpazamo yeempazamo yakuphela iminyaka eli-12 uGugulethu elikhalele ikhaya, uthunyelelwa nguyise umfazi onabantwana abathathu, ivele xa kulapho ingqumbo kaGugulethu abagawule ngezembe bonke bafe. Nalapha ulwimi lukhala ngezulu, ngeengqimba zamafu- inkundla yamatyala iyamgweba uGugulethu ngesenzo sokubulala.
- Uyise uZwilakhe uyazigweba ngesenzo sokunyanzelisa nokulahlekisa isizwe. Kuba yindyikityha yokufa nanjengoko noMaGaba ezityisa ityhefu.
- UGugulethu uyalela ukuba umzimba wakhe ubekwe ecaleni komzimba kaNomaMpondomise.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE**BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa**

- 15.1 UZwilakhe uyazisola ngokufunza kwakhe uGugulethu ngomfazi kuba ushiyeka engenanyana, enganamolokazana, engenabazukuwana namfazi ngenxa yako.√√ (2)
- 15.2 Ingcinga yokuba uZwilakhe uzimisele ukumnyanzela uGugulethu ngalo mfazi.√√/Anika ingcinga yokuba kukho apho sele ethembise khona ngoku ke ukuba uyajika uya kuba uvukela isigqibo sale ndawo ebesele ethembise kuyo. √√ (2)
(Nayiphi na kwezi)
- 15.3 Ukuxabisa kukaZwilakhe isiko ngaphezulu kothando oluxatyiswe nguGugulethu kumenze wanyanzelisa uGugulethu ukuba atshate intombi kaMcothana uThobeka kuba esithi lisiko kwaze oko kwadala umsantsa phakathi kwabo ngokokude kufe abantu abangenatyala.√√ (2)
- 15.4 Kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto√ kuba sifumana ukunyukela kokuhlelana okanye ukusukuzana kwaye nempixano ithatha unyawo√/ xa uGugulethu eqalisa ukuzithethela kuyise ngalo mba wokuzekelwa umfazi.√/xa uZwilakhe emxelela ezinkonkqeni ukuba uza kumtshata ngenkani uThobeka√/ kuba kuvela izimo zabalinganiswa√/xa kuvela isimo sikaZwilakhe ukuba ungumlinganiswa onenkani.√ (3)
(Nayiphi na kwezi)
- 15.5 UMthetho ungumlinganiswa onguvalithuba√ kuba umana ukufika ngamaxsha athile akasoloko ekho apha ebalini, usetyenziselwe ukuveza injongo ethile.√ (2)
- 15.6 Ukulungele njengoko ungokutshaza kwesiko lokubonelwa komfana nentombi ngabazali umntu aza kutshata naye isekho imingqandandana esathe gqolo iwenza lo mkhuba, ngoko ke iyafundisa ngeendlela ezilungileyo ze ikhalimele indlela ezigwenxa zokusombulula le ngxaki.√√/Awukulungelanga kuba ingabenza abafundi bakope ezi zenzo zibi, bacinge ukuba isisombululo sengxaki kukuzibulala okanye kukubulala omnye umntu. √√ (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)
- 15.7 Abalinganiswa bazithethela ngokwabo√/imo esibhalwe ngayo isicatshulwa√/Ukusetyenziswa kwezalathisi zeqonga.√/Kukho ingxoxo. √ (2)
(Nasiphi na isibini kwezi)
- 15.8 Yintsingiselo yokuba akukho nto banokuyenza mabancame.√√ (2)
- 15.9 UNomaMpondomise wenze isenzo esingalunganga kuba isenzo sakhe sibonakalisa ukungabahloneli abazali bakhe kunye nesiko.√√/ UNomaMpondomise wenze isenzo esilungileyo kuba akazange amthande uMkunukelwa kwangaphambili.√√/kuba nesiko liyaphelelwa ngokuhamba kwamaxesha. (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

- 15.10 Ixesha ezimbalini lityhilwa ngokuba kubonakala ukwahlulelana kwexesha lamandulo nelanguko apho abazali benyanzela abantwana ukuba batshatane ngesiko lakudala.√√/Intombi ikhupha iinkomo ngenxa yokutshintsha kwamaxesha ezimbalini.√√/Imo ntlalo yasezilalini ityhilwa kukusetyenziswa kobuhlanti xa kuthethwa ngobulawu nokusetyenziswa kweenkomo xa kulotyolwa √√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 15.11 Kukulandwa kweenkomo zekhazi kwaLangeni ngoNozulu. √√ (2)
- 15.12 Adiza ukuba uMkunukelwa uyanikezela.√√ (2)
- [25]

UMBUZO 16: UMBUZO OSINCOKO SONCWADI

INDLAL' INAMANYALA – M Lamati

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachancatha kwezi ngongoma zilandelayo

Impixano yindlela esetyenziswa ngumbhali ukukhulisa ibali lakhe. Oku uthi akwenze ngokuvelisa ungquzulwano phakathi kwezimvo ezimbini ezithi zimelwe ngabalinganiswa abangavumelaniyo ngezinto ezithile abazixabisileyo. Impixano indidi mbini, kukho impixano yangaphakathi nempixano yangaphandle. Impixano yangaphakathi yimpixano ephakathi komlinganiswa nesiqu sakhe ebangelwa zizinto ezimngqongileyo entlalweni. Impixano yangaphandle yimpixano ephakathi komlinganiswa nomnye umlinganiswa okanye phakathi kwamaqela amabini angavumelaniyo ngomba othile.

Ukukhuliswa kwempixano

- Umbhali wale drama uthatha indlala ayinike igunya lokuvevula iingqondo zabantu besithi basombulula yona. Ngale ndlala wenza kumile izimvo ezimbini eyokuba indlala ungayisusa ngezenzo ezigwenxa ezifana nokubulala abantu kwanokunyobisa kwiiofisi zikaRhulumente.
- Umbhali uthatha abantu abahluphekayo abaxhaphazise ngabantu abakwiiofisi zikaRhulumente umzekelo uMaqhikizane unegunya lokuqesha abantu kodwa kuye kufuneka banyobe ukuze abaqeshe okanye ukuba ngamantombazana abaxhaphaze ngokubapha imali baze bavume ukuba ngabafazi bakhe.
- Kwezi mbono zimbini wenza izakhiwana ezibini ezinemixholwana emibini eqhuba lo mxholo uthi indlala yenza abantu benze izimanga.
- Kwesinye isakhiwana ubeka uMagrazula abe yintshatsheli esebenzisa uDlezinye ofune uMamQhinebe, waze yena wafuna uMaGatyeni, batsho babe liqumrhu kumba wothengiso lweentsana.
- Kwesinye isakhiwana esingachasananga nesi ubeka uMaqhikizane ukuba angquzulane nomthetho ngokunyobisa abantu abafuna umsebenzi.
- Umthetho umelwa ngamapolisa kunye noSiqhiwu ehambisana nooSiphokazi esilwa ulwaphulomthetho lokunyobisa ngemisebenzi.

- Unobathana uqhawuka xa uSiqhiwu ebona ukuba abanye abafunde emva kwakhe bayaphangela yena engaphangeli efundile de afumanise ukuba uMaqhikizane uyanyobisa, aye ayozivela.
- USiqhiwu uzimisela ukuwuncothula neengcambu lo mkhuba acenge uSiphokazi osele engena kulo mgibe wokunikezela ngomzimba wakhe kweli xhego.
- Uyichukumisa emsileni xa kucaca ukuba uMaqhikizane umthembisa ngomtshato uSiphokazi kucace ukuba uSiphokazi akaziva kuba ebona imali.
- Benza iyelenqe lokumbambisa ukuze luphanze urhwaphilizo baphumelele abanjwe uMaqhikizane.
- Kwelinye icala uDlezinye unika uMamQhinebe intlawulo ayithatha kuMagrazula ngokuba abantwana de amse exhweleni.
- UMagatyeni uyafakwa kwimpixano yangaphakathi apho kufuneka akhethhe phakathi kwebhatyi yenkonzo nendlala de athathe isigqibo sokuwaphula lo mthetho wakhe.
- Abantwana baba bafazi banezikrokro, bayabakhuza abazali ngento abangayaziyo abayenzayo, de kumane ukubakho iimfazwana ezingephi zokuthethisana.
- Xa bebhaqiwe, iphephandaba liyaxela ukuba beba ezi ntsana, bakrokre abantwana babo.
- Impixano yangaphandle ikhula ngokukhula xa uMamQhinebe engquzulana nepolisa elifuna ukuba athule umntwana emqolo, uma entla ebeka isizathu sokuba lo mntwana uwuthanda gqitha umqolo.
- Konke kuphela umthetho uphumelela kuba bagqibela bebanjwa aba bafazi. Lilonke ukusukuzana kule ncwadi kuphakathi komthetho nolwaphulo mthetho.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**INDLAL' INAMANYALA – M Lamati**

- 17.1 UMaqhikizane ibali liphela ebanjwa/ ephelelwa ngumsebenzi ngenxa yokunyobisa oku kubizwa ngokuba yinto apha.√√ (2)
- 17.2 USiqhiwu uzimisele ukunganyobi okanye unento aza kuyenza ngokukunyobisa.√√ (2)
- 17.3 Ukuxabisa kukaMaqhikizane isinyobo ngaphezulu kokuyisebenzela into kwenze ukuba uSiqhiwu awulwe lo mkhuba kuba engafuni kunyoba azame aphumelele ukumthiyisela de abanjwe nguKheneli Sibane.√√ (2)
- 17.4 Kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto√ kuba sifumana ukunyukela kokuhlelana okanye ukusukuzana kwaye nempixano ithatha unyawo√ xa uSiqhiwu esenza isifungo sokuba akasoze anyobele ukufumana umsebenzi.√ (3)
- 17.5 UMalunyawana ungumlinganiswa onguvalithuba√ kuba umana ukufika ngamaxesha athile akasoloko ekho apha ebalini, usetyenziselwe ukuveza injongo ethile.√ (2)
- 17.6 Ukulungele njengoko umxholo ungendlala engunobangela wolwaphulo mthetho, ubukho babalinganiswa abathile abakhuza imikhuba yokurhwaphiliza nesiphelo sabo bangabenzi bobubi busisifundo kosafuna ukuwuqala lo mkhuba √√/Awukulungelanga kuba bakho abantwana abanokuchola bafunde kwizenzo ezibi ezenziwa ngabantu abadala.√√ (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 17.7 Abalinganiswa bazithethela ngokwabo√/Ukusetyenziswa kwezalathisi zeqonga√/Imo esibhalwe ngayo isicatshulwa√ /Kukho ingxoxo. √ (Nasiphi na isibini) (2)
- 17.8 Yintsingiselo yokuba uMaqhikizane ufuna ukumphuza/ukumxhaphaza uSiphokazi.√√ (2)
- 17.9 Silungile kuba ngengakhange abanjwe uMaqhikizane ukuba uSiphokazi ebengaquqanga eofisini yakhe efuna umsebenzi√√/Asilunganga esi senzo kuba akafanelanga ukuthi engumntwana omncinci athandane nendoda endala ngenxa yokuba efuna umsebenzi.√√ (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 17.10 Ubukho beeofisi budiza ixesha langoku√√/Indlela abantu abahlelisene ngayo idizwa kukuba abantu abasezikhundleni baxhaphaza abantu abahluphekayo.√√ (Nayiphi na kwezi) (2)
- 17.11 Kukubanjwa kukaMaqhikizane eofisini yakhe nguKheneli Sibane. √√ (2)
- 17.12 Adiza ukuba uMaqhikizane unomsindo/wothukile.√√ (2)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphen-dule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye.)**
2. Xa umviwa ephen-dule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), makisha kuphela emibini yokuqala.
3. Xa umviwa ephen-dule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini emide kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela umbuzo wokuqala kwiCANDELO ngalinye.
4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, makisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.
5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandum.
6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.
7. *Imibuzo emide.*
8. Xa impendulo yombuzo omde imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo omde inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kummakishi ophezulu.
9. **Sebenzisa iirubriki zokuhlola ezisisihlomelo A no B kuxwebhu lwezikhokelo zokuseta iimviwo ukumakisha imibuzo emide yabaviwa.**
10. *Imibuzo emifutshane.*
11. Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.
12. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Makisha impendulo exhasayo.
13. Akukho manqaku Abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI.
14. Makishwa impendulo exhasayo.

ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE**ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe	5-6 -Isihloko sitolikwe ngokunzulu -Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe -Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe	4 -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile -Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe	3 -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo. -Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe	2 -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo -Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko -Impendulo ibonisa ukuqhwalala kulwazi lwesihobe	0-1 -Akanalwazi kwaphela ngesihloko -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe
6 AMANQAKU					
ISAKHIWO NOLWIMI 4 AMANQAKU	-Isakhiwo siyathungelana -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile -Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle -Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala	-Bukho ubungqina besakhiwo -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo -Iziphene zolwimi zimbhalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo -Ingxoxo ayicwangciswa ngokukuko -Bukho ubungqina beziphene zolwimi -Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga	-Isakhiwo sife amanye -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga
AMANQAKU	4	3	2	1	0-1

ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI – INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO	13–15	10–12	7–9	4–6	0–3
15 AMANQAKU	-Impendulo igqwesile 14–15 -Impendulo ebalaseleyo 12-13 -Ukutolikwa okunzulu kwesihloko -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi -Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile -Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi	-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu -Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko -Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka -Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga	-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo -Ambalwa amanqaku axhasa isihloko -Iimpindulo ezichanekileyo zimbawwa kakhulu -Luncinane ulwazi ngejenre netekisi	-Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko -Iimpindulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo -Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke -Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi
ISAKHIWO NOLWIMI	9–10	7–8	5–6	3–4	0–2
10 AMANQAKU	-Isakhiwo siyathungelana -Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo -Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle -Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswa ngendlela edala uthungelwano -Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe ngokuchanekileyo ikakhulu	-Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga -Unamathelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene -Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu -Imihlathi ichanekile ikakhulu	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo -Izimvo azithungelelani kakuhle -Iziphene zolwimi ziyabonakala -Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga -Imihlathi ineziphene	-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo -Iimpindulo zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo -Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala -Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka

QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshela ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.



**TOLERANCE RANGE
2018 NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION**

DATE	25 NOVEMBER 2018																
SUBJECT	ISIXHOSA HL						PAPER	2									
QUESTION NUMBER	Q1	Q2	Q3	Q4	Q5	Q6	Q7	Q8	Q9	Q10	Q11	Q12	Q13	Q14	Q15	Q16	Q17
QUESTION TOTAL	10	10	10	10	10	25	25	25	25	25	25	25	25	25	25	25	25
FINAL TOLERANCE RANGE PER QUESTION	1	0	0	0	0	2	0	2	0	2	0	2	0	2	0	2	2
(Indicate sub-question or item level where TR is applied)	<p>The tolerance range for this paper is 3 marks allocated as follows;</p> <ul style="list-style-type: none"> - located in ONE or EITHER of Q6/ Q8/Q10/Q12/Q14/Q16 which are all essay questions. - 1 mark is allocated for question 1 essay 																
FINAL TOLERANCE RANGE FOR QUESTION PAPER	3 marks if Q1 plus section B or C essay						TOTAL MARKS						80				
SIGNED OFF BY UMALUSI	DATE: 25/11/2018							SIGNED OFF BY DBE					DATE: 25/11/2018				